BU African Studies Center LANGUAGE PROGRAM, 232 BAY STATE ROAD, BOSTON, MA 02215 www.bu.edu/Africa/alp africa@bu.edu 617.353.3673

## Proverb 2: Akulahlwa Mbeleko Ngakufelwa

**Indawo: Ekhaya**.

(Abalinganiswa, iphepha ndaba, iyeza leempuku, iselula, ikama)

### Ibali.

| | |
|---|---|
| **Sipho:** | Peto! |
| **Nosipho:** | Tshotsho |
| **Sipho:** | Ii-results-i? |
| **Nosipho:** | Heyi! Ndithi… |
| **Sipho:** | Iziphumo kaloku sana! |
| **Nosipho:** | Okokoko besilindile sijonge enkalweni. Oko silindile apha! Abade zifike tu! |
| **Sipho:** | Ningathum' amaqaba. |
| **Nosipho:** | Ngesitheni ke Nono? Ngesitheni ke Nono? |
| **Sipho:** | Awayazi kaloku ukuba iphepha libaluleke kanjani apha kuthi. Andimazi uPeto ngath'…ingath'ujonge ooMix-IT, andazi noba ziyavela na kwiPicture ezipostini mntakaBawo, mhmmm. |
| **Lulama:** | Ziyaphuma Tshotsho, hayi ke ngoku! he e e! |
| **Nosipho:** | Kufuneka sithenge iphepha kuba kaloku iiresults ziphuma ephepheni. Yeka lo MXT man usenzel' idrink! |
| **Lulama:** | Hee uAsithandile aka=excited, unemincili mntakamama, uphumile ephepheni! Hee! Ndith'akancumanga! Yhoo! Sitya loo nto mntakamama kule ... (Utsho edlala ngoMXT) |
| **Nosipho:** | Kufuneka silale sitye loo nto ke ngoku. Bafika nini na aba? |

| | |
|---|---|
| **Sipho:** | Jonga, jonga! Sendihamb'eyunivesithi sana! Ndingubani mna, ndingubani mna? Yhuuu! Sana, uzundibuze… |
| **Nosipho:** | Ewe Tshotsho! Uthi sowuchul'ukunyathela my tshom? Ndikuthembile! Umnt'ukuthembile sana! |
| **Sipho:** | Ndingubani mna? mhmmm Peto! Kuzawuthwa singamaqaba! |
| **Nosipho Nonomava:** | He e e e! Abasandidiki! |
| **Nomava:** | Zezobubomvu ke neziya ke mntakaBawo. |
| **Sipho:** | Nithuma njee, niyabathuma 'ba akukho bantwana kaloku sana. Senditheth'ba a'kho bantwana kaloku. Ingxaki ilapho! |
| **Lulama:** | Zange baphum'ephepheni kaloku. Zange balivez'ixesha! |

*(Kufika uLizo noPhakamile abebeye kuthenga iphepha elineeresults. Balibele kukuxambulisana. Iphepha leeresults lingxanyelwe.) Abavakali ukuba bathini na.)*

| | |
|---|---|
| **Lizo** | Sukundingxamisisa man! Ndinini mna ngendizixhoma nina man; ngendizixhoma man! |
| **Phakamile:** | Yima! Whow! WhoW! Yabona! Ukuba bendizezi zinto ezi mna ngendizigungxulela etoilet! Zitshone zonke ezi! |
| **Lulama:** | Eheeee!Singoobani thina?! |
| **Lizo:** | Mfondini, mfondini, zange uzigungxulele utshone u-3! Zang' uzigunxulele; nangoku nditsho! Nditsho nangoku; zang'uzigunxulele! |
| **Sipho:** | Bhuti ono-3, bhuti ono-3 esandleni; sicel'ubeke phantsi! Bhuti ono-3! |
| **Lulama:** | Sizawulala sitye le nto, kanene; sizawulala sitye le nto! |

**Phakamile:** Uyabona ke, uyabona ke, uyabona ke, uyabona ke, uyabona ke? Khange ndiyithethe ke leyokuba watshona u-2. Wena watshona u-2. Wazixhoma wena ngokutshon'u-2? Wazixhoma? Wazixhoma? Masambe, masambe!

*(Uyahamba UPhakamile noLizo. Bonke bajonga iphepha.)*

**Lulama:** Ujonge esikolweni esi-right ke tshotsho. Hayi maan. Ayisosikolo sethu esi! Nasi esethu!

**Lulama:** Nibona njani iphepha elibhalwe kancinci kangaka? *Utsho eqwalasele ephepheni)* (*USipho uyatsiba eqwalasele ephepheni)*

**Sipho:** (*evuya*): Peto! Ndipasile! ! Yhuuuuuuu!

**Nosipho:** Heeee!

**Sipho:** Upasile? Peto!!! Haaaa!

**Nomava:** Ndikhona?! Heheeee!... Hayike ngoku sendinomfanekiso

**Nosipho:** Tshomi yam! Ndiske ndanomfanekiso! Sinee-walks!

**Sipho:** Jonga, ndinalaa walk ndayinikwa ngumhakhulu; sana uz'ujonge! Uz'ujonge, ndayinikwa ngumhakhulu! Ayiyoyam ndedwa. Ayiyoyam ndedwa! Petoo, Petoo! (*ekhomba uLulama*)

**Nomava:** Tshomi yam kaloku, bekunini ngoko ntombi ubukhangela?

**Lulama:** Heeeee!

**Nosipho:** Sukungxama Toto man.

**Nomava:** Khawukhangelisise

**Sipho:** Unento yokuvuya ngaphakathi wena. Uzifumene, Peto?

**Lulama:** Andikazifumani tshotsho ntombi!

**Nosipho:** Hayi man tshomi yam eny'into la magama mancinci.

**Lulama:** Nibone…nizibone njani nina?

**Nosipho:** Yhu! Mancinci man, mancinci. He e e! Khawukhangelisise!

**Nomava:** Yhu! Mancinci.

**Lizo:** Peto, chuu, chuu, Peto ungangxami wena zikhangele. Awuqeshwanga uyabona. Awuqeshwanga. Zikhangele.

**Nosipho:** Hayi tshomi yam kodwa igama lakho andiliboni mna!

**Sipho:** Iza kuthiwa ni na le nto? Peto jonga apha.

({*Bathetha ngamehlo. Bahleba uLulama, bayahamba*)

**Bukelwa Nosipho Nonomava**: (B*ayahamba*) (He man, tshomi yam sakubona man, sisayopheka. Siyabuya maan tshom'am!

*(batsho bemphulula iinwele ngokungathi bayavelana naye)*

**Sipho:** Akhont'intsha, njengoba senditshilo, ungangxami awuqeshwanga. Ukhangele igama lakho phakathi kwawo, uyalazi; laziwa nguwe wedwa.

**Nomava:** Uthathe ixesha lakho wethu.

**Nosipho:** Siyabuya man tshomi yam; va? Sawuphinda sikubone? Uphole maan! Ube busy nempolo nje.

**Nomava:** *(bahleba uLulama*) Bendiyiqonda ke le nto. Bendiyicingile le nto.

**Nosipho:** Soze uzipase zonke kaloku!Awucingi! Akamthandi uMXT! Ucinga ukuba uza kufumana ntoni kuMXT?

**Nomava:** Tyhini! Ebecing'ba uzawufumana ntoni?

**Sipho:** BesingaMiksi thina esikolweni, SiyoMiksa eUniversity. Jonga, endlini ndiza kuthengelwa ntoni? skinny jean.

**Nomava:** Uyayazi!

**Nosipho:** Mna ndiza kuthengelwa ilaptop ndinxibe nala top yam!

Nomava: Sana!!! Heeee!

**Sipho:** Emva kwaloo nto ndiza kunikwa umpaso ke sana. Andifuni nkukhu bandincede! Andifundi nkukhu, bandincede, iinto zakudala andinaxesha lazo!

**Nosipho:** Ufun'uskini wena tshomi yam? Ndikuthembile; uthenjwe ndim wena!

**Sipho:** Ndifun'uskiny?! Yhu! Jonga! Yhuu! Ndingubani mna? Uz'undibuze!

**Nomava:** Hayi mntakaBawo! Awuyazi!

**Lulama**: *(Uyalila, uyedwa ushiywe ziitshomi. Uthetha yedwa.)*

Yhuuu! Yhuu huhuhuuu! Andikho ephepheni ! Yhuuu, heee! Ootshotsho bam abasenamincili! Andiziboni nokuzibona ephepheni! Huuu, heee! Hayi ke ngoku! Ndiza kubathini abamelwane? Yho, yho, yho, yho!!Baza kuthini abantu? Baza kuthini abahlali? Yhuuu! Uzothini umama? Huuu! Heeee, he hee! Hayi unokuske umntu aske azibulale kunale into Yhu, yhu, yhu, ha-a!. Yhu, yhu, yhu, yhu! Yho Hee! Abasenamincili! Abamelwane! Yhu ibanga leshumi lonke kwinto zonke endinokuzipasa? Yhini Nkulunkulu! Yhuu, hee!

*(Uthatha iyeza lamaphela uza kulisela, azibulale)*

**Umama:** (*Kungena umama kaLulama esagixa, ephethe iyeza lamaphela, eza kuzibulala.*) Hazba kuqhubeka ntoni na apha endlini njengoba bepasile nje abany'abantwana! Kwenzeka ntoni bethunana? Molo ntombi yam! Kwenzeka ntoni? Kutheni ngoku wasela iyeza lamaphela? Kwenzeke ntoni sana lwam? Kutheni ulila nje? Bapasile abantwana babanye abantu phandl'apha. Kwenzeka ntoni kuwe?

**Lulama:** Yhu, mama! Bapasile oSizwe bonke. Bapasile mna andapasa. Yhu! Hayi mama, hayi…(*inaudible…crying*)

**Umama:** O! hayi mntan'am. Soze! Ndithe nqa utheni… Ha-a jonga sana lwam, Unyak'ozayo ukhona sana lwam. Lukhona uxabangelo nangoku ngoMarch! 'Akulahlwa mbeleko ngakufelwa' Thula sisi! Thula mntwan'am. Thula.